Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

Iphondo leMpuma Kapa: Isebe leMfundo
Provinsie van die Oos Kaap: Department van Onderwys
Porafensie Ya Kapa Botjahabela: Lefapha la Thuto

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2026

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO IPHEPHA LESIBINI (P2) ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 70

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-16.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO A: INOVELI

UMBUZO 1: KUSA KUSIHLWA –KS Bongela

ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 UMpumelelo ngunyana kaLungile. √/ ULungile ngutata kaMpumelelo. √ (1)

1.1.2 Kungokuba wayebona ukuba impilo yakhe ayisekho ntle ngoko efuna ukumxelela ngezinto afanele ukuzenza xa engasekho ukuze angaxakwa √√ / Wayefuna ukuyolela. √√ (2)

1.1.3 Imadolo anzima. √√ (2)

1.1.4 (a) Isifaniso. √ (1)

(b) Sithetha ukuba uMpumelelo angafiki azibone engenabani./ engenamntu elahliwe ebomini. √√ (2)

1.1.5 Lixesha lokhanyo. √ Kuba sekukho izikolo, neevenkile zabantu abamnyama. √/ UMpumelelo wafunda wada wangugqirha. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.6 Aluyonyani kuba kwingozi yemoto kwasweleka uLungile noNomakhwezi kwaye imoto yabo yabhukuqa. √√ (2)

1.1.7 Ndiyangqina kuba uNomakhwezi wamamela ukuthuthelwa iindaba ezingezizo nguNozililo,wazikholelwa nto leyo yamenzela uxinzelelo lwengqondo waza waphulukana nolawulo lwemoto, yaza yabhukuqa, basweleka nomyeni wakhe. √√ (2)

1.1.8 Kuba uLungile uthi phambi kokuba ayivule ivenkile waye wavelelwa ngubawo omkhulu wakhe ongasekhoyo wambonisa ikhondo lempumelelo neliya kugcina igama lakwaNtsibande lihleli. √√ (2)

1.1.9 Ukubanomonde √ nokunyamezela. √/ unoxolo √ / unobuntu √

[Nasiphi isibini kwezi] (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA B

1.2 1.2.1 NguThamsanqa √, nguye owathatha ulawulo lwamashishini kaLungile ukusweleka kwakhe kwaye exhasa uMpumelelo wada wabe uyagqiba ezifundweni zakhe zobugqirha. √ (2)

1.2.2 Isixelela ukuba uyavuya kwaye akayikholelwa into yokuba uMpumelelo abe uphumelele kwizifundo zobugqirha emva kobunzima adlule kubo ebomini. √√ (2)

1.2.3 Wolwimi olugxekayo. √ (1)

1.2.4 Ngumfanekiso-ntekelelo womntu owonwabileyo ebonakala ebusweni ngoncumo oludibene nokuhleka. √√ (2)

1.2.5 Ukhona lo wavuya waphambana akuluva olu daba. √√ (2)

1.2.6 C √/ – Ukutsha kwemoto yabazali bakaMpumelelo. √

B √/ – Ukohlwaywa kukaMpumelelo esinaleni. √

D √/ – Iyelenqe lokutshiswa kwevenkile. √

A√/ – Itheko lokuvuyisana noMpumelelo ngezifundo zobugqirha. √ (4)

1.2.7 Ngokuthi uMpumelelo okhule enenemiqobo emininzi ebomini njengokubhujelwa ngabazali ashiyeke eyinkedama aphumelele ngokuthi afunde ade abe ngugqirha ngenxa yokunyamezela nokungalahli themba. √√ (2)

1.2.8 Isihloko sale noveli sithi *Kusa kusihlwa*, sithetha ukuba iimeko zobomi ziyaguquguquka, kubamnyama kuphinde kukhanye. NakuMpumelelo bekukhe kwamnyama akuswelekelwa ngabazali bakhe kodwa kwabuya kwakhanya akuphumelela emfundweni nakwezoshishino. √√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE

ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 UEddie sisithandwa sikaLinda √/ UEddie noLinda bayathandana. √ (1)

2.1.2 Kungokuba ingcombolo yebali likaDuma yayisankenteza engqondweni yakhe. √√ / Izinto awaqala ngokuzivuyela akuziva, ecinga ukuba ziza kuwenza lula umsebenzi wakhe, wayexakene nazo ngoku. √√ (2)

2.1.3 Into ebekholisa ukuyenza. √√ (2)

2.1.4 (a) Sisibaxo. √ (1)

b) Ngumntu osondeleyo kakhulu kuwe/ omthandayo/ omxelela zonke iimfihlo zakho. √√ (2)

2.1.5 Lixesha lokhanyo √ kuba kukho iivolovolo,kuselwa iiwhisky √/ kukho amagqwetha √/, iindawo zokuzonwabisa ezinje ngeMoonglow √/ kuqhutywa iimoto √/ iindawo zemiboniso bhanyabhanya. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka] (2)

2.1.6 Aluyonyani kuba kwingozi yemoto kwasweleka uEddie no Lulama kwaye imoto yabo yagila ipali kagesi emva kokuba bedutyulwe. √√ (2)

2.1.7 Ndiyangqina kuba uLinda wayecinga ukuba amalungu aseMoonglow yayingabahlobo abasenyongweni bakaEddie, engayazi ukuba ngabo ababulali bakhe. √√ (2)

2.1.8 Wangqina ukulahleka kwevolovolo yakhe, waphinda walitsolisa elokuba akayazi indlela ebuye ngayo ivolovolo yakhe seyibhaqa isengxoweni yakhe nje. √√ (2)

2.1.9 Unomqolo √/ unyanisekile √/ akanabuqhopholo √/ unobugorha. √
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA D

2.1 2.2.1 NguThembisa Ntlokonkulu/ Thembsie. √ Ulelinye lamalungu aseMoonglow elikwiyelenqe lokubulala uEddie, ugquka umkhondo ngokuzenza umakazi kaEddie. √ (2)

2.2.2 Isixelela ukuba uEddie ugqibe eliphumelele izinga eliphezulu esinaleni. √ √ (2)

2.2.3 Ulwimi olugxekayo. √ (1)

2.2.4 Ngumfanekiso-ntekelelo womntu ongazange alahleke kuphele angaziwa nalapho wayokutshona khona. √ √ (2)

2.2.5 Kuba kwakusithiwa naku naku eganyile. √√ (2)

2.2.6 C √/ - ukufika kukaLulama endlwini kaEddie. √

B √/ - Ukundwendwela kukaHlobo eMoonglow Night Club. √

D √/ - ukufumaneka kolwazi malunga neTape Recorder. √

A √/ - Amalungu aseMoonglow ayabanjwa aze agwetywe. √/ (4)

2.2.7 Amalungu aseMoonglow ayenobuqhebetseba nokunyolukela imali ade abulala uEddie aphele ebanjwa aze agwetywa. √√ (2)

2.2.8 Umqol'uphandle uyazalana nezenzo zamalungu aseMoonglow Night club kuba ababulali bakaEddie noLulama bebengabantu abanobuchule bokugquka/ ukufihla umkhondo kodwa ngenxa yobuchule buka Mnu. Hlobo uye wakwazi ukuba abaveze, badule elubala ngezenzo zabo zenkohlakalo watsho umqolo waphandle. √√ (2)

AMANQAKU EWONKE: 35

OKANYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 3

ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 UThandabantu ngutata kaGcinumzi √ / uGcinumzi ngunyana kaThandabantu. √ (1)

3.1.2 Wabeka isizathu sokuba wayesandula kufika ngoko ke wayesafuna ukukhe aphumle. √√ (2)

3.1.3 Baphuma ngorhatya kakhulu. √√ (2)

3.1.4 (a) Isibaxo √ / ubabazo. √ (1)

(b) Ibhasi ababeyikhwele yayigcwele kakhulu. √√ (2)

3.1.5 Ixesha lokhanyo √ kuba sele kukho izithuthi ezinjengeebhasi kwaye kukho nezikolo √/ Abantu abantsundu sele benamashishi angawabo √/ Iintombi zikamamTolo zifunda esinaleni √/ Amantombazana azonwabisa ngokusela utywala. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

3.1.6 Aluyonyani kuba kwingozi yebhasi kwasweleka uGcinumzi noMbomb'emfene √ kwaye ibhasi yabo yabhukuqa ayizange ingquzulane nesinye isithuthi. √ (2)

3.1.7 Ndiyangqina kuba babekho abo babesamhambela/babesahambelana naye, bezibiza njengabahlobo kuye kwaye bemxelela izinto ekuthethwa zona ngaye elalini. √√

Ndiyachasa kuba endaweni yokumxhasa baya bambaleka bayokuthenga kwezinye iivenkile, √√/ Basuka bamtyhola ngokubulala unyana wakhe besithi utyiwe yinyoka yakhe. √√ (2)

3.1.8 Wafaka kanobomi amafutha. √√ (2)

3.1.9 UThandabantu wayenobubele ebathanda abantu √/ wayenobuntu √/ unesisa. √/
[Nasiphi isibini kwezi] (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA F

3.2 3.2.1 NguBra Sam √/Samkelo Sangone√ uligqwetha likaThandabantu. √ (2)

3.2.2 Isixelela ukuba ngumsebenzi ongekho lula lo aza kuwenza uMonwabisi √√ (2)

3.2.3 Ulwimi oluqweqwedisayo. √ (1)

3.2.4 Ngumfanekiso-ntekelelo womntu ojonge omnye ngenjongo zokuqwalasela ukuba uyakwenza oko bekumele ukuba uyakwenza. √√ (2)

3.2.5 Kuba uthe nawe ke yihlo ungonqeni ukuza kum nanini na apho ufumana ubunzima√√/ Ungoyiki ndikhona njengoko ndandikhona nakuye. √√ (2)

3.2.6 C √/ UThandabantu uphangela kwaNdabazabantu. √
B √/ Ukufika komfazi osisimumu kwaThandabantu. √
D √/ UMonwabisi uvuselela itrektara endala alimele abantu. √
A √/ Ukudilizwa kuphinde kwakhiwe ngokutsha amashishini kaThandabantu. √ (4)

3.2.7 Ngokuba uThandabantu uthe ebesele engusomashishini ophumeleleyo kodwa awa amashisini akhe aze avuselelwa nguMonwabisi. √√/ uMonwabisi uthe engumntwana oyinkedama ongakhange abe krelekrele nasesikolweni kodwa wakwazi ukuba nobuchule bokuvuselela amashishini kaThandabantu waphela engumphathi wawo. √√ (2)

3.2.8 UMonwabisi – Umlinganiswa onguMonwabisi ulonwabisile usapho lwakwaSihlunu ngokuthi ancedise uThandabantu ekuvuseleleni amashishini akhe kwaye waqokelela, wabuyisa iintombi zakhe ebezisele zitshe nezwe. √√ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO B: IDRAMA

UMBUZO 4: NDIYEKENI

ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 UMawonga yinqununu kaNdila. √ (1)

4.1.2 UNdila wayefuna ukuba uMadala amthethelele kwikomiti yesikolo ukuze angagxothwa emsebenzini ngenxa yokunxila ngexesha lesikolo. √√ (2)

4.1.3 Kanti nditheza olunenkume. √√ (2)

4.1.4 (a) Isifaniso. √ (1)

(b) Ulawula ngqwabalala de walibala ukuba naye ungumqeshwa, uphethe ngokungathi usefameni yakhe. √√ (2)

4.1.5 Kwixesha lokhanyo √ kuba sekukho izikolo kwaye imfundo ithathe unyawo kukho neetishala ezimnyama. √ (2)

4.1.6 Aluyonyani kuba uNdila wanyanzeliswa yikomiti ukuba akhe arhoxe emsebenzini. √√ (2)

4.1.7 Ndiyangqina kuba ngenxa kaNdila onxila nangexesha lesikolo, angaphangeli de athume abantwana besikolo utywala,ngako oko wophula umthetho kwaye loo nto ingamphelelisela ngomsebenzi. √√ (2)

4.1.8 Kuba uthi ekupheleni kwesicatshulwa ukuba uyayazi ukuba isithabathaba yinkuthazo kwaXhosa. √√ (2)

4.1.9 UMawonga unekratshi √/u ethe-ethe√ / ulukuhleka lula √/ akanamqolo √ [Nasiphi isibini kwezi] (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA H

4.2 4.2.1 NguMawonga Loni√/nguMawonga. √ Yinqununu yesikolo iNobutho Primary apho afundisa khona uNdila. √ (2)

4.2.2 Isixelela ukuba wayenxilile engakwazi nokubamba iglasi kakuhle. √√ (2)

4.2.3 Wolwimi oluqweqwedisayo. √ (1)

4.2.4 Umfanekiso-ntelekelelo wefestile ephulwa ngokungenalusini yaba ziingceba. √√ (2)

4.2.5 UNzima uthi, suka akutitshwa ngoku, sisela utywala singamadoda sonke. √√ (2)

4.2.6 C √/ - Ukugxothwa kukaNdila emsebenzini. √

B √/ - Ukuya kukaMaziko kwaNdila. √

D √/ - Itheko lakwaFuneka. √

A √/ - Ukufika kukaNomasoka noRay kwaLoni. √ (4)

4.2.7 NgoMawonga obe yinqununu ewenza kakuhle msebenzi wathi wakuqalisa ukusela utywala akawuhoya umsebenzi wakhe kwanosapho lwakhe, wathi phithi yintombi enguZanele ebimtyela imali, waphela ephalala engenanto. √√ (2)

4.2.8 Siyazalana kuba uLoni ongumlinganiswa oyintloko unenkani akafuni kunqandwa kwindlela ayihambayo emkhokelela ekutshabalaleni de asebenzise la mazwi asisihloko sale ncwadi. √√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU EWONKE: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA

ISICATSHULWA I

5.1 5.1.1 UZanoxolo ngumntakwabo/ngubhuti kaDina. √/ UDina ngudade boZanoxolo. √ (1)

5.1.2 Kungokuba wayesoloko egqolozele kwimfono-mfono yakhe okanye alale azivalele egumbini lakhe. √√ (2)

5.1.3 'Ndizithobe kangangoko'. √√ (2)

5.1.4 (a) Ngumbuzo buciko. √ (1)

(b) Kukuba uDina akanaye/akakho omnye umntu oza kucoca igumbi likaDinga ngaphandle kwakhe. √√ (2)

5.1.5 Ixesha lokhanyo √ kuba kukho izikolo √/, uDina ngumntwana wesikolo/ ubukho beselula √, ubukho beeHotele √, ubutywala neziyobisi. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.1.6 Asiyonyani kuba uDina walukuhlwa nguNoyongo ngokuthi umfunela umsebenzi kwiHotele kaNyoka. √√ (2)

5.1.7 Ndiyagqina kuba bonke abanye abantwana bakaMaTshezi baqeqeshekile koko nguDina lo ungafuni ngqeqesho.√√/ Ndiyachasa kuba endaweni aqinisekise ukuba uDina uyalicoca igumbi lakhe kwaye ame koko, angamcoceli ngokwakhe. √√ (2)

5.1.8 Kukuba uthe uDina kuZanoxolo ngumama wakhe othanda ukwenza yonke into ngokwakhe. √√ (2)

5.1.9 Ungutata onenkathalo/onothando kusapho lwakhe. √
Uneminqweno emihle ngabantwana bakhe. √

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA J

5.2 5.2.1 NguThambolenyoka √, ungusomashishini odume ngokuxhaphazisa amantombazana ebalini. √ / Ungumqeshi wooNoyongo. √ (2)

5.2.2 Ngokuphelelwa ngamathemba/ uxakene nento/ Akasazazi ukuba makathini ukuzikhupha kule ngxaki. √√ (2)

5.2.3 Ulwimi oluqweqwedisayo. √ (1)

5.2.4 Umfanekiso-ntekelelo womntu orhwebeshela/ otsalela omnye kwinto eza kumfaka engozini. √√ (2)

5.2.5 Kuba uDina uthe ngoku uzele unabantwana ekufuneka bondliwe bona bayasuka bamshiya kwesinomhlwa. √√ (2)

5.2.6 C √/ UDina utyikitya isivumelwano sakhe sengqesho kwiHotele kaThambolenyoka. √
B √/ UDina uyakhulelwa umntwana kaThambolenyoka. √
D √/ Kufika ootishala bakaDina kwaNcaphayi bexhalabile ngemeko kaDina. √
A √/ USajini Gxalaba uxelela uNoyongo ukuba kufuneka abe lingqina lenkundla, ukuze kubanjwe uNyoka. √ (4 x 1) (4)

5.2.7 NgoThandabantu othe ngenxa yokunyolukela imali waxhaphaza abantu basetyhini eshishina ngemizimba yabo,wabafaka kwiziyobisi notywala waphela ebanjwa egwetywa iminyaka engama-25. √√ (2)

5.2.8 Inzala yamarhamba – uThambolenyoka ozenzo zakhe zingcolileyo ehlangene nenzala yakhe engooNoyongo abangabasebenzi bakhe bathengisisa abantwana abangamantombazana ngemizimba kwaye bebatyisa iziyobisi notywala bebaxhaphaza ngenxa yokunyolukela imali. √√ (2)

AMANQAKU ECANDELO B: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

UMBUZO 6: ITUTU LASETIKITIKI – LL Ngewu

ISICATSHULWA K

6.1 6.1.1 UXakanisekile wayengutishala kaThobile √/ uThobile wayengumfundi kaXakanisekile. √ (1)

6.1.2 Sesokuba wayeneminwe emide. √√/ Kuba wayesiba apho evenkileni. √√ (2)

6.1.3 Nehashe liyadliwa emfazweni. √√ (2)

6.1.4 (a) Sisaci √ (1)

(b) Ukufumana into encinci akufani nokungafumani nto kwaphela. √ (2)

6.1.5 Kwixesha lokhanyo √ kuba kukho izikolo njengoko uThobile wayengumfundi. √/ Kukho iivenkile kwakunye nemali kuyathengiswa. √√ (2)

6.1.6 Aluyonyani kuba umantyi waye wanika isigwebo sokuba uThobile akhe ethunyelwe kwisibhedlele sabantu abagula ngengqondo kuba obakhe ubututu ingasibubo obu buqhelekileyo. √√ (2)

6.1.7 Ndiyangqina kuba uye wafumana unyango lwezengqondo waphuma apho waze wazinikela ngokupheleleyo ekukhuliseni isizwe engajonge ntlawulo. √√ /Ndiyachasa kuba uThobile ebefanele ukubanjwa, aze agwetywe iminyaka emininzi ukuze angaphindi amoshe / ukuze afunde isifundo ngezenzo zakhe. √√ (2)

6.1.8 Nakuba ke ubusela bebumchewule nje. √√ (2)

6.1.9 Wayelisela √, Ubuxoki √, Ukungakhathali √,

[Nasiphi na isibini kwezi] (2)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ISICATSHULWA L

6.2 6.2.1 NguThandile √ ukuba ngumxhasi kubantwana bakokwabo wade wabasa nasesikolweni ebancamela yonke into. √ (2)

6.2.2 Isichazela ukuba ibinguye yedwa ophangelayo usapho lonke luxhomekeke kuye ngezidingo zemali. √√ (2)

6.2.3 Wolwimi olunyazelisayo. √ (1)

6.2.4 Ngumfanekiso ntelekelelo wabantu abadinga indawo yokuhlala/ abangenakhaya. √√ (2)

6.2.5 Uphele unyaka sele engathi akanqakuli uThandile. √√ (2)

6.2.6 C √ / Ukugxothwa kukaNobesuthu noNomtha nguyise kuba Bekhulelwe. √
B √ /Ukuphindiselwa kukaNobesuthu noNomtha eThembeni. √

D √ / UThandile ufumana isithuba somsebenzi kwisikolo saseMpheko. √
A √ / Ukufa kweenkomo zikaMathidala zibulawa ngumbendeni. √
(4 x 1) (4)

6.2.7 UMathidala ube ligqolo elithanda imali wade wakhohlakalela nenzala le yakhe kuba exabise iinkomo zakhe. √√ (2)

6.2.8 Nakubeni uMathidala wazilahla iintombi zakhe ngokuzigxotha kodwa zona azizange zimlahle zakuphumelela ebomini koko zaye zabuyela kutata wazo nangoku sele engenanto yena. √√ (2)

AMANQAKU ECANDELO C: 35

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 7: IMBONGI

7.1 7.1.1 Nguchul'ukunyathela. √ (1)

7.1.2 Imbongi ilunxulumano/uqhagamshelwano phakathi kwabantu kwakunye nezinyanya zabo.√√ (2)

7.1.3 (a) Isikweko. √ (1)

(b) Umbhali uthi imbongi inamagunya nelungelo lokuthetha nantoni na kwaye ayinakunqandwa mntu. √√ (2)

7.1.4 Kwistanza sesi-3 umbhali usixelela ngezinto imbongi enokuthetha ngazo, ulwazi neemfihlo eye ithethe ngazo ukanti kwistanza sesi-5 umbhali uthetha ngembonakalo yembongi nokuzidla kwayo ngesinxibo sayo. √√ (2)

7.1.5 Isikhakha √, isidlokolo. √ (2)

7.1.6 Ngoweliso. √ (1)

Ukusibonisa ngokuthathela ingqalelo kwembongi ngendlela evatha ngayo nehomba ngayo. √√ (2)

7.1.7 Yimfano-zandi √ Idala isingqisho. √ (2)

7.1.8 Kungokuba uthetha ngaye nezinto abenokuzenza ukuba ebeyimbongi. √√ (2)

7.1.9 Ngumbongo ochazayo √/ Ngumbongo-nkcazo. √ (1)

KUNYE

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.

UMBUZO 7.2

7.2	7.2.1	Kuyanqulwa √ kwaye kungxengxezwe. √	(2)
	7.2.2	ebuhlanti. √	(1)
	7.2.3	Chris Hani. √	(1)
	7.2.4	Uqaqambisa ukothuka nokukhwankqiswa kwesizwe ngesiquphe sokudutyulwa nokusweleka kuka Chris Hani/ uThembisile. √√	(2)
	7.2.5	Ngokusweleka komntu omkhulu owaziwayo ngemisebenzi yakhe. √√	(2)
	7.2.6	Wayengumntu ekwakunzima ukumfumana, nangexesha ababecinga bambulele ngebhombu eMaseru waphinda wabonakala bengacingelanga becinga bambulele, enguphuncuka bemphethe. √√	(2)
	7.2.7	Wayelitsha-ntliziyo lomzabalazo wokulwa ingcinezelo nocalucalulo eMzantsi Afrika. √√	(2)
	7.2.8	Nguye owadubula wabulala uChris Hani. √√	(2)
	7.2.9	Ndakubona eMaseru mfana isibindi. √	(1)
	7.2.10	Ngokuthi athi ezulwini konwatyiwe kanti emhlabeni lunxunguphalo, zizijwili ngenxa yokushiywa nguChris Hani. √√	(2)

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Thank you for choosing www.ecexams.co.za to download examination documents.